

Imisele Etyaliweyo



Imisele etyaliweyo ibamba ize igcine amanzi abaleka emhlabeni okanye ahamba ngeforo kumhlaba otyetyiswe zizinto ezibolileyo (humasi/umbolo)

1



Phawula umsele uze ususe ingca emhlabeni

2



Grumba umsele ube zimitha ezi-3 ubude, zimitha ezi-1 ½ ububanzi, isi-½ semitha ubunzulu. Beka lo mhlaba ungaphezulu kwelinye icala uze ongaphantsi kwelinye icala

3



Faka itoti ezindala ezantsi kulo msele uzityumze

4



Galela izinto ezivundayo (ikomposi). Izinto ezinjengamaxolo emifuno, amaqokombe amaqanda nenye inkukuma enjalo yasekhitshini. Ingca, amagqabi, namakhuni amancinci asegadini

5



Gqumelela ngalamhlaba wangaphezulu ugalele amanzi kakuhle. Galela amanzi kumhlaba nakwizinto ezivundayo ezingaphezulu osanda kwaleka ngazo

6



Gquma ngaphezulu ngegca eyomileyo okanye ngezinye izinto ezinokugcina ukufuma. Amaphephandaba okanye amanye amaphepha abhityileyo anokustyenziswa. Galela amanzi kakuhle

7



Khetha izithole ofuna ukuzityala uzityale. Izithuba phakathi kwezithole zixhomekeke kubukhulu beso sityalo xa sesikhulile

8



Zinkcenkeshele kakuhle izithole